Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

## SEPTEMBA 2020

ÉcoleBooks

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
# IPHEPHA LESIBINI (P2)

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-28.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula nawuphi umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 8 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 12 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula nawuphi umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo**. | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 15 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 19 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 'Umntu akalahlwa' | 18 | 23 |
| | | |
| 6.2 'Ngumntu onjani lo? | 17 | 24 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE:**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 'Ingcwaba' | 18 | 26 |
| 7.2 'Mfazindini waseAfrika' | 17 | 27 |

**ITSHEKLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amabini. Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|---|
| A | Inoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa)<br>*(Umqol'uphandle)*<br>(UMonwabisi) | 1–3 | 1 | |
| | | | | |
| B | Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | | |
| C | Amabali amafutshane<br><br>('Umntu akalahlwa')<br>('Ngumntu onjani lo?') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | | |
| D | *Isihobe*<br><br>(Ingcwaba.)<br>(Mfazindini waseAfrika.) | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candela, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol'uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBOZO 1.1 noMBUZO 1.2.

### ISICATSHULWA A

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> "Ndingathi wafika nayo kuba sekulithuba eyenza, naxa akhe abonise isiqabu ngezinye iimini. Kodwa ke ithi yakuvuka le nto emva kwezo ziqabu, ixake."
> "Uthini kanye? Xa nditshoyo ndizama ukubuza ukuba usuka avukwe liqwakaza elele, okanye wothuswa yinto ebuthongweni kusini?"
> "He Mfondini, andiyazi kakuhle le nto. Kodwa imini endamqaphelisisa kakuhle ngayo kumhla waqala walala kunathi. Phofu wayengene nje phezu komandlalo esanxibe izihlangu ngathi ngumntu lo othe qwaka nje kuba esaza kugqitha. Sada salala sonke esalele olo hlobo. Ethubeni izibane zicinyiwe, ndothuswe kukungena komphathi-makhwenkwe ephethe isikhanyiso saphandle wathi ngokukhanyisa oku endlwini ilitha lesibane latsolisa kuNtsibande. Uye wamshukumisa ngenjongo yokumvusela ukuba alale kakuhle angene ezingubeni zakhe."
> "Wathi akothuswa seso sibane wafana negeza eli, **wenza ingxolo eyaphambanisa umphathi ngumsindo, yatsho yavusa nababelele.** Uthe ekugxalatheleni egqiba indlu le, wagila itafile ekwakukho amanzi kufutshane nomphathi lo. Achithekela kumphathi onke loo manzi. UNtsibande yena waphuma ngomnyango wemka umlibe. Loo nto yamenzela isixholoxholo."
> "Nithi wayenganxilanga?" ubuye wabuza uZimasile.
> "Hayi suka, andizange ndimbone uNtsibande esela ..."
> "Ude ubuze loo nto nje wena Zimasile, butywala ebeza kubuthatha phi esinaleni? Kowu! Kanene ingqondo yakho icinga ngotywala lonke ixesha lo tywalandini."

1.1.1 Xela ukuba uMbuyiseli wazana njani noMpumelelo. (1)

1.1.2 Caphula ulwazi olusixelela ukuba uMpumelelo akaqali ukuyenza 'le nto' kuthethwa ngayo kwisicatshulwa. (2)

1.1.3 (i) Chaza ithoni esetyenziswe kwintetho kaZimasile ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(ii) Phawula ngokufaneleka kwethoni ekwintetho kaZimasile oyichaze kuMbuzo 1.1.3 (i). (2)

1.1.4 Ngokwazi kwakho ibali, yintoni eyabangela ukuba uMpumelelo angakwazi ukumelana nelitha lesibane esasiphethwe ngumgcini-makhwenkwe? (2)

1.1.5 Chonga isafobe esikwintetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uze uxele udidi lwaso. (2)

1.1.6 Nika intsingiselo yentetho ethi, "loo nto yamenzela isixholoxholo." (2)

1.1.7 Chaza esinye isenzo esothusayo sikaMpumelelo esiyelelene kwesi kuthethwa ngaso kwisicatshulwa. (2)

1.1.8 Xela uphawu lukaMpumelelo olumenza ukuba ayidlale ngokufanelekileyo indima yakhe kweli bali. (2)

1.1.9 Yaphazanyiswa yintoni incoko yesibini esikwesi sicatshulwa? (2)

**KUNYE**

1.2 **ISICATSHULWA B**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

EcoleBooks

"Ek se, Bra Zet, mina ngibona ukuthi iplan emshishi, broer, yeyokuba lo Mac simtrepe ngeway esmart," utshilo omnye uguluva.
"Yiyiphi loo way? Kanene wena Stompie uza kusimoshela isikhathi ngezi plani zakho. Imishini, majita, yeyokuba lo Mac acishe tonight. **Kakade uyafunwa nguyise ne old lady lakhe**. Mos, uSis Nozi kash uyirholile, angisho Malungisa?" ubuzile omnye. "Ibe elakuthi itopikazi aliyismakeli into yokumosha ngecash for fokolo. Belithe lifuna ukuthi lithi liphuma emjiva kube kuthethwa enye into ngalo Mac uzenza ugqirha," utshilo uMalungisa.
"Hayi, majita, you be careful; ons kan nie daai ou net dood steek phambi kwaba bantu. Mina ngihambisana neliya likaStompie. Into engcono, guys, kukuthumela uLizzie abe kule way yokumbungezelela neh. Wena ke Bra Zet njengechick yakho uLizzy, wovakalelwa, uyangizwa?'
Ja, o.k. sweet. And i-ou ngowam uLizzy mayiqiniseke ukuba akaphathwa lelinye ivukuvuku ngaphandle kwam neh." Iye loo mbizwana yachithakala kwangenwa endlwini. Umdaniso ube shushu emva kweentetho ezenziweyo. Kwalile ethubeni kwesuka enye inzwakazi eyayinxibe kakuhle gqitha yaya kuGqirha Ntsibande izele luncumo yafika yamcela ukuba badanise.Omnye uthe akulijonga eli nenekazi waqonda ukuba akanakwala. Kuthathenwe kwangushixi shiximshim kudaniswa.

1.2.1 Lo mdaniso kuthethwa ngawo kwisicatshulwa wawubanjwe egameni likabani? (1)

1.2.2 Chaza iinjongo zale migulukudu ngokuba kulo mdaniso. (2)

1.2.3 Tolika intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



1.2.4 Cacisa ukuba kutheni intetho engezantsi ingeyonyani.

Yayiliphupha lakhe uMpumelelo ukuba uya kuze asebenze eThekwini. (2)

1.2.5 Cacisa ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa iliqhubela njani phambili ibali. (3)

1.2.6 Matanisa igama lomlinganiswa elikuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) "Kodwa ke Thembisa siya kuphinda sidibane okanye sibonane phi ngoku?" | (i) UThamsanqa |
| (b) Kodwa ke, Jwarha, uthi iya kulunga into yokuba sihlale nalaa nkosikazi yakuni uyazi nje mfondini ukuba ibukhali?" | (ii) UNozililo |
| (c) Khawukhe uye kuThamsanqa uye kufuna iincwadi zayo. | (iii) UMpumelelo |
| | (iv) UMosia |

(3 x 1) (3)

1.2.7 Le nkcaza ingezantsi isityhilela luphawu luni ngoMpumelelo?

"Omnye uthe akulijonga eli nenekazi waqonda ukuba akanakwala ..." (2)

1.2.8 Ingaba uyavelana nokubanjwa kweli 'topikazi'? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[35]**

**OKANYE**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBOZO 2.1 noMBUZO 2.2.

### 2.1 ISICATSHULWA C

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Abantu ababevela emsebenzini bathi besihla ezibhasini babe sebegangwa kwasesikhululweni yinkwenkwana eyayiphethe mpa isipha soshicilelo olo, likhwaza into engenasiphelo:
"Inzwakazi eyayingunobuhle waseMonti ityholwa ngokubulala isithandwa sayo." Yeka ke ukungungelana kwaloo mkhosi wabasebenzi, behluthahluthana ukulithenga iphepha. Yeka ke ingxolo bakuwubona umfanekiso kaLinda, etsho ngolungayiwayo uncumo phantsi kwaloo mnweba naloo mqhele wobu"Kumkanikazi" mhla wayewongwa ngobuhle bakhe yidolophu. Ecaleni, yayingumfanekiso kamfi uEddie nokamfi uLulama.

Uyazi ke nawe ukuba umntu osewongeni elingafunyanwa ngabaninzi ukholisa ukuba nentaphane yezihlobo kwaneentshaba. Yaba njalo ke nekaLinda imeko. Kuloo ngxokolo babesihla benyuka. Izihlobo zazide zimunce iminwe ukufunga: 'Akasoze uLinda ayenze into enjalo." Abanye ... "Akwaba ebemsindisile uEddie, kufe elaa qhajazana linguLulama lodwa; yinja ekufa kubi kakade!" Abanye: ... "<u>Siza kuyihlangula thina ngokuyingqinela inkedama yakwaMonti ebizisebenzela kalusizi iyodwa</u>."
Abanye babesithi: "Akukho nto ifeleyo kakade kwaba Nobuhle bepeni; ziinzwakazi nje ngokwenyama, iintliziyo zona zingcolile."
Abanye: "**Unobuhle wantoni na? ULinda ugqithe bani ngobuhle? Eso sithsaba wasifumana kwangala maqhinga ale lokishi."**
Yaba zezo ntetho ke nasezibhasini ngemihla elandelayo. Igama lentombi kaMonti lalingundaba-mlonyeni ezimbuthweni zolonwabo nakwizigqubo zamanxila nezabathengisi bemigunyathi nezabadlali beefafi namadayisi.

2.1.1 Xela ukuba waziwa njani uLinda Monti ngabakhweli beebhasi. (1)

2.1.2 Caphula ulwazi olusixelela ukuba abantu babebonakalisa umdla ongaqhelekanga kwiindaba zephephandaba lale mini. (2)

2.1.3 Ngokwazi kwakho ibali, yintoni eyabangela ukuba uLinda Monti atyholwe ngokubulala uEddie Maga noLulama? (2)

2.1.4 (i) Chaza ithoni esetyenziswe kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(ii) Phawula ngokufaneleka kwethoni ekwintetho oyichaze kuMbuzo 2.1.4 (i). (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



2.1.5 Chonga isafobe esikwintetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uze uxele udidi lwaso. (2)

2.1.6 Nika intsingiselo yentetho ethi, “Igama lentombi kaMonti lalingundaba-mlonyeni ...” (2)

2.1.7 Chaza esinye isenzo esothusayo esenziwa nguLinda Monti kanye phambi kokuba kuvakale oku kukwisicatshulwa. (2)

2.1.8 Xela uphawu lukaEddie olumenza ukuba ayidlale ngokufanelekileyo indima yakhe kweli bali. (2)

2.1.9 Saba yintoni isiphelo sikaLinda Monti emva koku kukwesi sicatshulwa? (2)

**KUNYE**

2.2 **ISICATSHULWA D**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

"Ukususa eso sikrokro, ndingenza neso sicelo sokuba ekukhululweni kwakhe ngebheyile, agunyaziswe ummangalelwa ukuba amane esiya kuvela rhoqo emapoliseni ngamathuba abekiweyo. Ndisatshaya."
Uthe vumbululu kwangoko umtshutshisi, okaNgqondi, emveni kokuba ebesoloko esenza amanye amabhunga nokaHlobo. Uhambise wathi, 'Ndiphakamela ukucela le nkundla ukuba isikhabe esi sicelo somthetheleli wommangalelwa. Nangona lonke uphando selugqityiwe, kunokuthelekelelwa ukuba ubungqina esinabo kwityala elilolu hlobo bucekethekile kakhulu kangangokuba **bungacunyuzwa** lula ngummangalelwa xa ethe wakhululwa.

"Ngaphezulu koko, singade sibe besimthembile ummangalelwa ngelixa elingaphambili, simnika onke amawonga ngenxa yentembeko kodwa ukuthenjwa komntu kuphela mhla wenza ububi okanye mhla warhanelwa ngobubi. Kakade umntu uhleli engagqibeki, ingaziwa imbilini yakhe. Lowo simthembayo senziwa kukuba sisaneliswa koko kusemehlweni ethu. Athi amaciko umntu ngumva kwekhabhathi wona ungekho mehlweni amntu. Kulo mmangalelwa, sesiwubonile umva obusoloko usinqabele. Sesimbonile ukuba lilahle elinomthuthu. Masingazibeki ke esichengeni sokutshiswa lilahle elinomthuthu naxa seside salibona. Nam ndisatshaya."

Ide yathetha imantyi: "Kwesi sithuba, inkundla yokhe ithi khebevu okwemizuzwana engephi, khe ndiye kuqwalasela endikuvileyo." Ekubuyeni, imantyi ayibanga saphozisa maseko. Igadlele yathi, "Ndizihlafunisisile zonke iingongoma ezithe zabekwa phambi kwam ngala macala mabini abambene ngeli tyala."

2.2.1 Eli tyala lixoxwayo kwisicatshulwa lixoxwa egameni likabani? (1)

2.2.2 Chaza iinjongo zikaHlobo zokuba afune ukuba sikhatywe isicelo sebheyile yommangalelwa. (2)

2.2.3 Tolika igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

2.2.4 Cacisa ukuba kutheni intetho engezantsi ingeyonyani.

UNgqondi wayengummeli wommangalelwa kweli tyala.

2.2.5 Chaza ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa iliqhubela njani phambili ibali. (3)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



2.2.6 Matanisa igama lomlinganiswa elikuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) "Uthe uphela umboniso Dick ndabe sendiyilibele into yenenekazi." | (i) UDuma |
| (b) "Uz'uthiy'inja yakho bawo." | (ii) UHlobo |
| (c) "Khawundinced'apha Lizzie mtshan'am, khwela emnxebeningoku ubhekise esikhululwenisamapolisa." | (iii) UBumba |
| | (iv) UMdoda |

(3 x 1) (3)

2.2.7 Le nkcaza ingezantsi isityhilela luphawu luni ngalo kaNgqondi?

'... sesimbonile ukuba lilahle elinomthuthu ...' (2)

2.2.8 Ingaba uyavelana noLinda Monti ngokubanjwa kwakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[35]**

ÉcoleBooks

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

**UMBUZO 3: UMONWABISI – ZAMA A. JAPHTA**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBOZO 3.1 noMBUZO 3.2.

**ISICATSHULWA E**

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Ububele bukaThandabantu babungaphelelanga kubathengi nabasebenzi kuphela. Nosapho lwakhe lwaluthiwe wambu yiloo ngubo yakhe yobubele ishushu. Noxa wayeyiloo mvuzemvuze bububele ngakusapho lwakhe uRhadebe, wayekwanaso wena isandla esingqongqo sengqeqesho.
> Umntwana owayefane athambe ngakuye yayinguMonwabisi lowo, singazi ke bethu nokuba yayiyimfobe nosizi ngakuye kuba ekhula engenamzali ungowakhe. Wayesoloko emkhusela kwabanye abantwana xa mhlawumbi bedlala ukuze ke bamdlalise kabuhlungu kuba emncinci kunabo. Bona ke abo bantwana bakhe babesoloko benesikhalazo sokuba yena uMonwabisi uthandwa ngokugqitha bona nguyise lowo wabo, kuba besithi akafane abethwe okanye angxoliswe nguye yena. UThandabantu akazange ayinanze nganto le nto yezi zikhalazo kuba esithi ziinkcuku nje zosapho olusakhulayo, loo nto iyakuphinde idlule xa bekhulile bayibone ukuba ayinjalo loo nto. Kuba eneneni yena wayengamthandi ukubodlula abo bakhe uMonwabisi, koko nje yayilusizi lobuzali <u>ebona yena inkedanyana engenabani</u>, ngoko ke engafuni ukuba izibone ihlelelekile phakathi kwabo bakhe. Kungoko ke wayengayinanzi into yezikhalazo zabo bantwana bakhe.
> Oyena mntu yamkhubekisayo le nto yokukhalaza kwaba bantwana yaba ngunina wabo, uMamTolo. Yamhlupha kakhulu into yokubona abantwana bakhe betyelelelwa nguMonwabisi waza wazimisela ukuba uza kwenza konke okusemandleni akhe ukuba asivale eso sikhewu.

3.1.1 Xela ukuba waziwa njani uThandabantu ngabantu baseNtshiqo. (1)

3.1.2 Caphula ulwazi olusixelela ukuba uThandabantu wayengabafekethisi kwaphela abantwana bakhe. (2)

3.1.3 Ngokwazi kwakho ibali, yintoni eyabangela ukuba uMamTolo azibone sele emamkela ngokupheleleyo uMonwabisi? (2)

3.1.4 (i) Chaza ithoni esetyenziswe kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(ii) Phawula ngokufaneleka kwethoni ekwintetho oyichaze kuMbuzo 3.1.4 (i) (2)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



3.1.5 Fakela okushiyelelweyo kwisaci esinokutolika isikhalazo sabantwana bakaMamTolo ngokwesi sicatshulwa.

'Usana olungakhaliyo …' (2)

3.1.6 Nika intsingiselo yentetho ethi, 'abantwana bakhe betyelelelwa nguMonwabisi.' (2)

3.1.7 Chaza isiganeko esothusayo esehlela uThandabantu kweli bali. (2)

3.1.8 Xela uphawu lukaMonwabisi olumenza ukuba ayidlale ngokufanelekileyo indima yakhe ebalini. (2)

3.1.9 Saba yintoni isiphelo seentombi zikaMamTolo emva koku kukwesi sicatshulwa? (2)

**KUNYE**

3.2 **ISICATSHULWA F**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Hayi ke wayevuka ngonyezi uMonwabisi, uyive loo trektara iduma ikuvusa, sele enendima apho emasimini. Wayekhuthele ke kambe, wayelima imini yonke yehlobo selenomnqwazi wakhe omkhulu wokuzikhusela kwelo langa lehlobo **lingenanceba.** Babegilana bexabana abantu ngokuza kumqesha kuqala kunabanye kuba bengxamele ukude balinyelwe nabo, kuba iimvula zehlobo zazisele zinile, umhlaba uvuma. Abafazana babequqa edolophini ukuya kukhangela imali eyayithunyelwa ngabayeni eGoli ukuba ayikafiki na, befuna ukubhatala uMonwabisi ukuze abalimele loo masimi abo nabo. Ngokubona oku kugxalathelana kwabafuna ukulinyelwa, nokufuna ukukhuthaza uMonwabisi, uThandabantu wathenga itrektara entsha kunye nekhuba layo. Hayi ke mntakabawo, akalima uMonwabisi waqala phantsi. Wafundisa omnye kwabo basebenzi wayehlala nabo ukuqhuba nokulima ngetrektara, ukuze asebenzise enye leyo yena, bathi bhazalala belima kwezo lali zibangqongileyo.
Bakhawulezisa bazigqiba ezo lali bawuqabelisa loo msebenzi wokulima. Imali engenileyo wayeyithatha uMonwabisi aye kuthenga impahla yevenkile ngokuzama ukuvuselela loo venkile yayisele isoyikeka njengendlu engahlali mntu.

Wabukela waphinda wancoma kwakhona uThandabantu xa athe wafika apho eNtshiqo igcuntswana labantu lithenga apho kwakhe. Wakhumbula iimini zakhe esaqala uThandabantu kwezoshishino kunzima esohlulwa kukungqamanisa imali engenileyo kunye nempahla ayithengileyo.

3.2.1 La masimi uMonwabisi uwalima egameni likabani? (1)

3.2.2 Chaza iinjongo zikaThandabantu zokuba ashiye uMonwabisi eNtshiqo. (2)

3.2.3 Tolika igama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

3.2.4 Cacisa ukuba kutheni intetho engezantsi ingeyonyani.

UMonwabisi waliphumelela emagqabini ibanga le-12. (2)

3.2.5 Cacisa ukuba oku kukwisicatshulwa kuliqhubela njani phambili ibali. (3)

3.2.6 Matanisa igama lomlinganiswa elikuKHOLAM B nenkcaza ebhekiselelele kuye ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Zamphatha ngakumbi ii*nerves*. | (i) UThandabantu |
| (b) Amvuma amashishini kukho nesilarha edolophini. | (ii) USamkelo |
| (c) "... uya kuvumelana nabo nokuba bathi thengisani yonke into ..." | (iii) UHlubikazi |
| | (iv) UGcinumzi |

(3 x 1) (3)

3.2.7 Le nkcaza ingezantsi isityhilela luphawu luni ngoMonwabisi?

ÉcoleBooks

'Wafundisa omnye kwabo basebenzi wayehlala nabo ukuqhuba nokulima ngetrektara.' (2)

3.2.8 Ingaba uyavelana nendlela uMonwabisi asebenza nzima ngayo ukuvusa ishishini elidala likaThandabantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| | *(Kwiofisi yoMnu. Loni, inqununu yeNobutho Higher Primary School kunkqonkqoza uMnu. Maziko, isandla sayo.)* |
| MAZIKO: | Nkqonkqo! Nkqo! |
| LONI: | Ngena. |
| MAZIKO: | Hallow, chief! |
| LONI: | Hallow, naso isihlalo. |
| MAZIKO: | Chief, andihleli kodwa kukho isikhwebu endifuna ukukuchubela sona. |
| LONI: | <u>Awu! Ngaba yintoni ngoku, mfondini?</u> |
| MAZIKO: | Izinto zishiy'amehlo, ngakumbi ukuba sithe samana ukungayiqondi imicimbi enebatha. |
| LONI: | Mfondini! Qhuba ndiphulaphule. |
| MAZIKO: | Kudala ndikuxelela ngoNdila lo ukuba umsebenzi wakho omhle uwufuthanisela ngomzondo. |
| LONI: | Njani Duka? |
| MAZIKO: | Dlamini **ubuxhwane kuwe bendele okweengcambu zomdiliya** ude ungayiboni nengozi esemnyango. |
| LONI: | Mfondini yek'izagwelo, khwel'emcingeni. |
| MAZIKO: | Uthetha kamnandi. Uyabona ngoku sisandul'ukungena isikolo uzulalele ukuthi gqi kukaLiziwe. Akakho klasini ngoku. UNdila umthume umqabulo esirhoxweni. Inene uza kubon'imihlola. |
| LONI: | Akacingi, akacingi ukusenza ibhari esi sikolo. |
| MAZIKO: | Ukungacingi yenye into, selecinge wadwala. Izigede zamakhoba kwikhabhathi yakhe zicul'ingoma yomoya. |

| | |
|---|---|
| LONI: | Izembe lidla ngokubuyela kumninilo ukuba uyakuqobola ukugawula. Kudala ndimcebisa uNdila. Ngoku ndingxamele ukusela amanzi. |
| MAZIKO: | Akunawujika umlambo elwagcibeni. |
| LONI: | Ndifanele Duka ndibethwa kukuhlohla kwale ndoda inxila injalo. |
| MAZIKO: | Ihlohla nini, phi, isoloko yambethwe yingcalangcala nje intsasa le yonke? Ukuba usacinga ukumcebisa, uya kuba uphand'idlaka. Into yokuzama ukumlumla emithonjeni yintsindabadala eyongamele nabanxanwayo ngokwabo. |
| LONI: | Unyanisile Duka. Akasabuseli ngoku uyabutya. Bumtyebise babuya bamsenga. |
| MAZIKO: | *(ephakama)* Akasenakuba sancedwa chief ngoku. Uyikhwele ke ingwe, ukuhla kuyo ngokwakhe kunobungozi obuntanganye namhla yamtyekeza ngokwayo-nankuya uLiziwe esiza chief. |

4.1.1 Xela ukuba waziwa njani uNdila nguLoni. (1)

4.1.2 Caphula ulwazi olusixelela ukuba uMaziko uze eofisini kaLoni ngomcimbi olihlebo. (2)

4.1.3 Ngokwazi kwakho ibali, yintoni eyabangela ukuba uMaziko andwendwele kwaNdila emva koku kukwisicatshulwa? (2)

4.1.4 (i) Chaza ithoni esetyenziswe kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(ii) Phawula ngokufaneleka kwethoni ekwintetho oyichaze kuMbuzo 4.1.4 (i). (2)

4.1.5 Chonga isafobe esikwintetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uze uxele udidi lwaso. (2)

4.1.6 Nika intsingiselo yentetho ethi, "yek'izagwelo." (2)

4.1.7 Chaza esinye isenzo sikaMaziko esiyelele kwesi asenza kuNdila ngokwakwesi sicatshulwa. (2)

4.1.8 Xela uphawu lukaFuneka olumenza ukuba ayidlale ngokufanelekileyo indima yakhe kule drama. (2)

4.1.9 Saba yintoni isiphelo sikaNdila emva koku kukwesi sicatshulwa? (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | Yintoni kufe bani? Nazalisa indlu?<br>(*Cwaka)* |
| NOMASOKA: | O! Yini kodwa? Yintoni Mawonga mntwanam?<br>O! Nkosi ya-am *(Elila)* |
| MAWONGA: | Yintoni kodwa mama? Su-ukuzikhathaza ngam. Ndone bani? Thandie khawutsho mfazi, ndone bani? |
| RAY: | Akonanga mntu, tu, qha nje sivelana nawe. |
| MAWONGA: | O! Le ntlanganiso ingam? |
| RAY: | Ukuba yintlanganiso ngubani owasemzini apha Lawu? |
| MAWONGA: | Kunjalo kungenjalo, niqhele ukuba lapha, ngeli xesha? Nibizwe ngubani apha? |
| RAY: | Mfondini! **Akusekho kuncwela fosilarha ngoku**, kuba nawe usidlwengule. Khawumamele sithethe nawe. Umntu akazange azibone konakala kwathini na, ubonwa ngabanye. |
| MAWONGA: | Ndonakaliswe yintoni? |
| NOMASOKA: | Hayi mntwanam, siphulaphule nokuba akuzi kwenza nto ngaloo nto. |
| RAY: | Mfo kabawo, usapho lwakho uluhlalise bunyembezana. Ibiyinto enani na le uyithanda ngaphezu kosapho lwakho? Akutshiwo ukuba sukutya ukutya okuthandayo, kodwa funda ukuzilinda nokuzilinganisela. Waqala kakuhle, wagqibela ngamababi. |
| MAWONGA: | Uyagalela mfo kabawo kodwa ke nomlambo ukusuka kwawo elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcibeni utyekeza iingodo namabibi. Ndiyekeni mna, ndiye-keni. |
| NOMASOKA: | Ukhe ayekwe na umntu kusonakala? Yintoni mntanam Mawonga? Kwasa kwahlwa sithetha nawe? Uya kude uve liphi? |
| MAWONGA: | Ndithe, ndi-the ndiye-keni. Ukuba uRay ufuna ukushumayeza abantu, kuzele phandl'apha. Ndiyekeni, niyeva? (*Watsho engena kwigumbi lakhe lokulala ebashiya bentywizisa abafazi, ethe manga uRay).* |

4.2.1 Le ntlanganiso ibanjwe egameni likabani? (1)

4.2.2 Chaza injongo yokubanjwa kwentlanganiso yekomiti emva koku kukwisicatshulwa. (2)

4.2.3 Tolika intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.2.4 Cacisa ukuba kutheni intetho engezantsi ingeyonyani.

UMadala wamsindisa uLoni ukuba angaphelelwa ngumsebenzi. (2)

4.2.5 Cacisa ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa iliqhubela njani phambili ibali. (3)

4.2.6 Matanisa igama lomlinganiswa elikuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) "Zifake iinzipho zitshone nophoyiyana uyaqhuqhwa abe nguchwenene." | (i) UZingiwe |
| (b) "Abasayi kuze batye amanzi abam abantwana ..." | (ii) UThandiwe |
| (c) "Undincede ungafombi abantwana bam." | (iii) UFuneka |
| | (iv) UThuletu |

(3 x 1) (3)

4.2.7 Le nkcaza ingezantsi isityhilela luphawu luni ngoMawonga?

'Ndiyekeni mna, ndiye-keni.' (2)

4.2.8 Ingaba uyavelana noMawonga xa egxothwa kwaFuneka? Xhasa impendulo yakho (2)

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M Mlokoti

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| | *(KukwaNcaphayi egumbini lokuhlala. UNcaphayi uncokola nomkakhe uMaTshezi ngezidla umzi.)* |
| NCAPHAYI: | Hina Matshezi, khawukhe usondele mfazi sithethe, ikho wena into engandiphethanga kakuhle. |
| MATSHEZI: | Iyawa yintoni na yise kaZanoxolo, ndiza kuphoswa nje yile nkqubo kamabonakude? |
| NCAPHAYI: | Hayi nkosikazi ngxe torho mfazi wam, ungafi, ndenziwa kukuxhalaba. Kaloku zininzi izinto ezifuna ukulungiswa phakathi komzi, ngakumbi njengokuba ixesha selifinyele, ndisonganyelwa nayimpilo. |
| MATSHEZI: | Kulungile ndiphulaphule tata. <u>Yintoni Tolo? Ikhona into ekukhathazayo?</u> |
| NCAPHAYI: | Ndiyabulela Tshezi, ndiyabulela mkam. Nantsi into, ndiyazi kona ukuba sithi isintu indoda ayikhali nokuba **seyingxange ezingxangxasini**, kodwa mkam kunyembelekile. |
| MATSHEZI: | Ndiphulaphule tata. |
| NCAPHAYI: | Ewe kona ngokwempilo ndixikixekile nkosikazi, namandla andisenawo ngoku, nogqirha ukungqinile oko izolo xa besiphaya. Uyakhumbula phofu? |
| MATSHEZI: | Ewe tata ndiyakhumbula, yaye khange ndithande, kodwa ndifane ndaziqinisa nje ngelithi nguThixo owaziyo. |
| NCAPHAYI: | Heke. Kodwa andikhathazwa yimpilo nakukuguga nje kodwa mfazi. Eyona nto ingamandla yimeko yaba bantwana ndiza kukushiya nabo xa ndinokuthi ndibhubhe. |
| MATSHEZI: | Ubona nje nam iyandixhalabisa imeko yaba bantwana Tolo, ngakumbi uDina – hayi akandonwabisi konke konke. |
| NCAPHAYI: | Heke. Ndilapho kanye. Lo mntwana andiyifumani ingqondo yakhe kwaphela. Ukhe umve khona wena encokola nodadewabo nabantakwabo? |
| MATSHEZI: | Hayi tata, uyinto esoloko izivalele egumbini lokulala, suka amke ngorhatya abuye ezinzulwini zobusuku. |

5.1.1 Xela ukuba waziwa njani ngoku uDina ngabazali bakhe. (1)

5.1.2 Caphula ulwazi olusixelela ukuba uNcaphayi uzibona ingathi sele eza kusweleka. (2)

5.1.3 Ngokwazi kwakho ibali, yintoni eyayibangela ukuba ibe nguDina okhethelwa lo msebenzi nguNoyongo? (2)

5.1.4 (i) Chaza ithoni esetyenziswe kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(ii) Phawula ngokufaneleka kwethoni ekwintetho oyichaze kuMbuzo 5.1.4 (i). (2)

5.1.5 Chonga isixhobo sesandi esikwinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uze uxele udidi lwaso. (2)

5.1.6 Tolika igama, 'ndiphulaphule ...', njengoko lisetyenzisiwe kule ngxoxo. (2)

5.1.7 Chaza isenzo sobugorha sikaDina asenze kuThambolenyoka. (2)

5.1.8 Xela uphawu lukaNoyongo olumenza ukuba ayidlale ngokufanelekileyo indima yakhe kule drama. (2)

5.1.9 Saba yintoni isiphelo sikaDina kule drama? (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



5.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

DINA: Yhu! Molo wethu Sis'Khulukazi.

KUKU: Yho! Bantu basemaQwathini. Ungubani na wena undazi kangaka? Ude undibize ngelasekhaya lenkobe?

DINA: Hayibo Sis'Kukza, wangenwa sisifo sokulibala na ngoku?

KUKU: Ndiza kuthini na kaloku ntombi, xa ndisiva inenekazi elinjengawe sele **lindikhankqula ngegama**, kubonakala ukuba akunguye nowalapha eNgcobo nje?

DINA: Hayibo Sis'Kukza ... Uzakuthi ndingowaphi ke xa ndingengowalapha?

KUKU: Ungowalapha? Hayi suka, musa ukudlala ngam ntombazana. Akukho mntu unjengawe eNgcobo.

DINA: Hayibo Sis'Kukza ndinguDina.

KUKU: Dina! Hayi bo Dina!

DINA: Ewe Sis'Kukza ndim uDina.

EcoleBooks

KUKU: Hayi bo mntwan'am Dina! Yhu uDina! (*Esondela, emanga, sele echiphi-chiphiza iinyembezi)* – Yhu uDina! Uvelaphi sisi?

DINA: Eyi sisi, lide ibali. Sekulishumi elinesihlanu lonke leminyaka ngoku sagqibelana.

(*Esakhwankqisiwe)* Yhu uDina!

DINA: Kodwa sisi ukuba awungxamanga ndicela singene apha emotweni sisuke apha egaraji kuyaphithizela, siyokumisa phaya ekuphumeni kwedolophu, ukuze sikwazi ukuncokola kakuhle.

KUKU: Hayi bo Dina! Sana lwam waba nomgrugra onje wemoto na ngoku, iBMW nalapha ezintweni?

DINA: Hahaha! – hayi wethu sisi Kuku, zizinto zakhona. Khwela sisi sihambe.

*(Basukile egaraji bayakumisa ekuphumeni kwedolophu, bangena nje kancinci kwindlela ebheka ngaseDutywa, bemisa.)*

KUKU: Kowu! Sana lwam, ingathi ndiyalama. He wethu sana lwam, khawutsho, wenza ntoni phi? Njengokuba sisifa yindlala nje thina.

DINA: Ndingumlindi wamabanjwa wethu Sis'Kuku, apha kule ntolongo iseKomani. Nomyeni wam wafumana umsebenzi kwalapha eChris Hani District Municipality. Sikunye apha eKomani.

5.2.1 UKuku wayemgqibele ephi uDina njengokuba emlibele nje ngoku? (1)

5.2.2 Chaza injongo kaDina ngokufuna ukuncokola noKuku. (2)

5.2.3 Tolika ibinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.2.4 Cacisa ukuba kutheni intetho engezantsi ingeyonyani.
UNozici noNozigoci badutyulwa basweleka. (2)

5.2.5 Cacisa ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa iliqhubela phambili njani ibali. (3)

5.2.6 Matanisa igama lomlinganiswa elikuKHOLAM B nentetho yakhe ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) “Hayi! Ikamva laba bantwana liyoyikeka. Kodwa! Ikhona iinto eza kuvela.” | (i) UZanoxolo. |
| (b) “Hayi enkosi, nam nomdade andizokuphunga.” | (ii) UGxalaba. |
| (c) “Sibafumene bephakuphaku ngolona hlobo. Bobabini, sabathelekisa, emva koko sabaqobongela.” | (iii) UNcaphayi. |
| | (iv) UMbotoloshi. |

(3 x 1) (3)

5.2.7 Le nkcaza ingezantsi isityhilela luphawu luni ngoKuku?

‘... (*Esondela, emanga, sele echiphi-chiphiza iinyembezi*.)’ (2)

5.2.8 Ingaba uyavelana noThambolenyoka xa egwetywa ekupheleni kwebali? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**OKANYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



**UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL NGEWU & EZ GUQA**

6.1 **ISICATSHULWA K**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**UMNTU AKALAHLWA**

UNobesuthu noNomtha babonile ukuba mabangachithi xesha babe bephendulana noyise, kuba ilizwi lakhe belingawi phantsi, yaye babeyazi ukuba nonina obezama ukubathethelela angaphuma yena kuqala kuloo mzi. Baphindele kwigumbi labo lokulala baqokelela kwanto yabo, bayithatha loo mithwalo ibingenakuthwalwa kuba kaloku bebesebethwele imilomo. Baphumile ngobo busuku balinikela umva ikhaya bengazi ukuba baza kulalisa phi. Bagqibe kwelokuba baye eTsilithwa kwayisekazi uTyhobeka.

Bafike eTsilithwa **ezinzulwini zobusuku bengagodoli beqhaqhazela**. Babengaqhaqhazeliswa yingqele yobusika kuphela, koko naluloyiko lwale nto ibehleleyo. Ekufikeni kwabo kwaTyhobeka basothule isikhalo, balila begixa ngokungathi babhungisene. Ngubani owaziyo ke phofu ukuba babengabhungisananga? Esi sikhalo sikhawuleze sakhatshwa yinja ebingazanga izibalule ngokukhonkotha, kodwa namhlanje yenze umkhulungwane.

Nakuba uTyhobeka ebekhanyisile nje ngofinyafuthi, isibane esibalulekileyo kubantu baseTsilithwa, uye waqhwitha wakha umkhanyo efuna ukuqinisekisa ukuba ngoobani kanye aba. Uncine amehlo okomntu ofa lungcume, koko amehlo anorhatyazo endod'enkulu, akamncedanga ukubaqonda aba bantu. Koko kunkolonkoloza uncedwe nguMthwakazi, umfazi wakhe, othe, 'Yise kaMandla ngabantwana bakaMaMthi aba'. '<u>Tyhini madoda! Umfo wethu utshabile? Yinto yanini leyo?</u>' 'Utata akatshabanga bawokazi. Silapha nje usigxothile', uphendule uNomtha. 'Unigxothe ebusuku apha? Unigxothele ntoni kodwa uMathidala?'.

6.1.1 Xela ukuba loluphi uhlobo lwemfuyo awayesaziwa ngalo uMathidala elalini yakhe. (1)

6.1.2 Caphula ulwazi olusixelela ukuba uMathidala wayekhohlakele. (2)

6.1.3 Tolika intetho ethi, 'kaloku bebesebethwele imilomo.' (2)

6.1.4 Xela uphawu lukaMaMthi olumenza ukuba ayidlale ngokufanelekileyo indima yakhe kweli bali. (2)

6.1.5 Ngokwazi kwakho ibali, uTyhobeka wazigcina iintombi zikaMathidala emzini wakhe? (2)

6.1.6 Xela isenzo sobugorha esenziwa nguThandile kweli bali. (2)

6.1.7 (i) Chaza ithoni esetyenziswe kwintetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

(ii) Phawula ngokufaneleka kwethoni ekwintetho oyichaze kuMbuzo 6.1.7 (i). (2)

6.1.8 Chonga isafobe esikwinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uze uxele udidi lwaso. (2)

6.1.9 Saba yintoni isiphelo sikaMathidala ebalini? (2)

**KUNYE**

6.2 **ISICATSHULWA L**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**NGUMNTU ONJANI LO?**

Kuphakame ufafa lomfana weza ngqo kumfundisi, wafika wamnika iphetshana. Ulijonge nje kancinci umfundisi eli phetshana, kwabonakala ngohlobo alityhilizele phaya ngalo ukuba **kumcimbi wokufunda umfundisi lo akazingci nganto**. Umile lo mfana ejonge ntsho kumfundisi, ngokungathi ulindele impendulo yencwadi ebemgqithisele yona. Ude umfundisi wasebezela lo mfana wathi kuye, '*Siza kuqala ngomthandazo. Kodwa lo mntu ndize kumngcwaba ngumntu onjani?"* Umfana akawuphendulanga lo mbuzo kamfundisi, koko uye wajonga kude.

Umfundisi uyalele ukuba kuculwe iculo elithi: "Yesu langa lomphefumlo." Umthanjiswa uyenzele lula le rhamente kuba kumqolo ngamnye ubethi ngqe ngaphambili awufunde okwesitshingitshane umqolo. Nakuba umfundisi ebenzele lula abantu kubekho madoda athile axhathise kuhlobo lokucula ngoohawu hawu abaninzi. Ukhe wawuphosa umfundisi omnye umqolo ecatshukiswe yinto angabanga nako ukuyinyamezela. Ukhombe eny'indoda wakhwaza wathi, "Thul'isankwane eso akukho sembholorhweni apha!" Babekho abakhe bangena ngengoma kumcimbi wesankwane koko banqandwa kukugigitheka kwentsini, kubonakala ukuba kuyahlekwa nokuba kufiwe.

Emva kweli culo umfundisi wenze umthandazo wentloko apho avakale ngokubetha kolwimi ukuba le yenye yezinto ayiqeqeshelweyo kwisikolo sobufundisi ukuba wayefikelele phofu kuso. Emva komthandazo uhlabele umthandazo weNkosi.

6.2.1 Ngumngcwabo kabani lo uqhubekayo ngokwesicatshulwa? (1)



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



6.2.2 Chaza isizathu esabangela ukuba umfi angangcwatywa kwiiveki ezingaphambili kwale angcwatywa ngayo. (2)

6.2.3 Tolika intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.2.4 Cacisa ukuba kutheni intetho engezantsi ingeyonyani.

Umfi lo wayenabantwana abathathu. (2)

6.2.5 Cacisa ukuba le ngxoxo ikwisicatshulwa iliqhubela phambili njani ibali. (3)

6.2.6 Matanisa igama lomlinganiswa elikuKHOLAM B nenkcaza ebhekiselelele kuye ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) "Tyhini ibisisimanga sendoda esi." | (i) UMaThiyane |
| (b) "Okunene urhole isiqinisekiso sakhe somtshato, nguye lo nimva eman'ukukhala." | (ii) UMjalisa |
| (c) Lixhegwazana ebelilithintitha ..." | (iii) UNgxabane |
| | (iv) UManduleli |

(3 x 1) (3)

6.2.7 Le nkcaza ingezantsi isityhilela luphawu luni ngomfi lo?

'*Kodwa lo mntu ndize kumngcwaba ngumntu onjani?*' (2)

6.2.8 Ingaba uyavelana nosapho lomfi ngale meko kuyiyo ngokwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU EWONKE: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – Sibongile Maputi nabanye

7.1 Funda lesi sicatshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**INGCWABA**

Simanga somngxuma, awuhluthi;
Umntu simgqibela ekhaba;
Emva kwethuba umhluthe;
Umphathele imbengwana ephanda;
Uncume, kaloku uhlobene nokufa;
Sele bemi ngemihlakulo besomba;
Ukhintsele usala nokuthufa.
Umhla, iveki, ngabanye behamba;
Ukhamisela emoneni, **umumatha**;
Puqa! Loo mkhaba unge ugcwele ufuthe.
Ezibhedlele, nasezindleleni uthungatha;
Kungantsuku zatywala <u>uwuthe</u>;
Akabethelwa nangu 'doh' umnini,
Emathunjini omhlaba kwesakhe isilili.

7.1.1 Kuthethwa ngantoni kulo mbongo? Kusithiwa itheni? (2)

7.1.2 Tolika okuthethwa ngumqolo wesi-2. (2)

7.1.3 Chonga isafobe esikumqolo wesi-5 uze uxele udidi lwaso. (2)

7.1.4 Caphula umqolo obonisa ukuba ukufa kuyaquqa akuphezi. (2)

7.1.5 Cacisa intsingiselo eziswa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-9. (2)

7.1.6 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.7 Nika zibeMBINI iindlela adibana ngazo nengcwaba umntu ngokwalo mbongo. (2)

7.1.8 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo we-12. (2)

7.1.9 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



7.2 Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**MFAZINDINI WASE-AFRIKA – KN MANCIYA**

1 Yizani bantu ningqine nank'umhlola.
2 Namhla kumhla ndalam'**isimanga.**
3 Silo sini na esi sity'utyani ngerhengqe?
4 Yintoni na le inje mzi wakowethu aph'ekhaya?
5 Usisilo na nokuba ungumntu na?
6 Thetha kaloku, usabele xa ungumntu. Yeha!
7 Lixhishini utyani urheme bumthe swii.
8 Usisidla-tyani na de uthi swii mazindini?

9 Mazindini emabele abhonxel'ukwanyisa
10 Umthinjana nomlisela wakowethu uqhayisa ngani <u>na</u>?
11 Untsintsitheka naloo nyanda yeenkuni wobasela usapho <u>na</u>?
12 Loo mgqomo wamanzi uwungcekelele unzima unjalo <u>na</u>?
13 Uqengqana nembokotho elityeni wophekela usapho <u>na</u>?
14 Loo ti intubululu yenziwe kwanguwe ngalo mzuzwana <u>na</u>?
15 Isenguwe na mazindini yakowethu okhalelwa lusana <u>na</u>?
16 Laa mbadu ngasebuhlanti iyoliswe yingalo yakho <u>na</u>?

17 Kuloo maqhwa aqhaqhazelisa imihlathi,
18 Ndithe mandla umfazi waseAfrika edovud'udaka,
19 Ath'exovaxova ab'enyovanyova ngezo zandla.
20 La mazwembezwembe ulungiselela iimini zikaXakeka emtyantini.
21 Ndimalam'entsintsitheka neziqonga zeepali ezidla'incilikithi;
22 Exhibitheka nje, ubawozala ukhala ngebhekilana yomthayi.
23 Yaya phi na imfobe kwesi sizwe sethu mdakasholondini?
24 Mazi zase-Afrika zona kade zayibamb'itshisa, sithi ngxe!

7.2.1 Libhekisa kubani igama, 'Yizani' elikumqolo woku-1? (1)

7.2.2 Xela isimanga ekuthethwa ngaso kumqolo wesi-2. (2)

7.2.3 Xela isizathu sokuba imbongi ingaqiniseki ukuba ngumntu okanye sisilo na lo imbongayo. (2)

7.2.4 Khetha isifanekisozwi esikumqolo wesi-7 nowesi-8 uze uchaze ukuba sisetyenziswe ngayiphi injongo. (2)

7.2.5 Chaza isizathu sophindaphindo olukwimiqolo ye-9 ukuya kowe-16. (2)

7.2.6 Iqaqambisa ntoni imbongi ngomqolo we-9? (2)

7.2.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. ‘Umlisela nomthinjana’ ngokwakumqolo we-10.

A ngabafazi namadoda.
B ngabafana neentombi.
C ziinkunzi neemazi.
D ziinkonde neenkondekazi. (1)

7.2.8 Xela imisebenzi ibemiBINI eyenziwa ngumfazi wase-Afrika ngokwembongi kwisitanza sesi-2. (2)

7.2.9 Chonga umqolo obonisa ukuba lo mfazi uhamba kwiindawo ezinengqele. (2)

7.2.10 Mfanekiso ngqondweni mni oziswa ligama, ‘exhibitheka’ kumqolo wama-22. (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

ÉcoleBooks



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM